XHOSA

# BUDGET 2012

Umkhombandlela woluntu

national treasury
Department:
National Treasury
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

Issued by National Treasury, Private Bag X115, Pretoria,0001.
Enquiries: Communications, Tel: (012) 315 5757, www.treasury.gov.za

Minyaka le ngeyoMduba (Februwari), uMphathiswa wezeMali ubhengeza indlela urhulumente azakusebenzisa ngayo imali, irhafu kunye nendlela urhulumente azakuboleka imali ngayo kwiminyaka emithathu ezayo. Le nto ibizwa ngokuba lulwabiwo mali lukazwelonke. Icacisa ngendlela imali ezakwabiwa ngayo phakathi kwamanqanaba karhulumente ukususela kuzwelonke, amaphondo ukuyama koomasipala.



Picture by Government Communication and Information System (GCIS)

INGABA LIBELULUTHO NA ELIPHEPHANDABA?

SMS Ewe okanye Hayi ku 44112

iSMS nganye ibiza i50c

# ULWAKHIWO LWEZIBONELELO EZILULUTHO LUPHUHLISA UQOQOSHO NEMPILO ZABANTU

**Iphulo likaRhulumente woMzantsi Afrika lujonge kutyalo zimali oluphuhlisa uqoqosho kanjalo lwenza ukuba izibonelelo ezilulutho zivelise amathuba angcono nentlalo ntle.**

Ezizibonelelo ezifana nombane, amanzi, iindlela, unxibelelwano, ukuphuculwa kwezibhedlele nolwakhiwo lwezindlu zenza ukuba amashishini akhule kwaye noluntu luphile impilo engcono. Injongo yolu tyalo-mali kwizibonelelo ezilulutho kukunciphisa izinga lokusalela emva ekuhanjisweni kwenkonzo zoluntu olwenziwe kukukhula koqoqosho notshintsho kwiindlela zokuphila eluntwini.

Kuleminyaka mithathu ezayo, uRhulumente uceba ukutyala imali engange-R844.5 bhiliyoni ekwakheni iindlela, izibhedlela, izikolo, amadami, amaziko emibane kunye nokwakha izikhululo zenqanawa nemizila yoololiwe. Uluntu ludinga ukuthuthwa zizithuthi zikawonke-wonke ezikhuselekileyo, ezithembekileyo nezisemgangathweni ukuya emsebenzini, ezikolweni nakwezinye iindawo. Iinkonzo zololiwe zizakuphuculwa nguMetrorail. Yilonto i-Passenger Rail Agency of South Africa (PRASA) ejongene nenkonzo zikaloliwe ityala ngaphezulu kwe- R80 bhiliyoni ukuphucula oololiwe nezitishi kuzwelonke. Le nkqubo izakuthatha iminyaka engamashumi amabini. Ngomnyaka ka 2014/15, uRhulumente ubekele bucala imali engange-R4 bhiliyoni ukongeza uPRASA ekuthengeni amakhareji amatsha kaloliwe ayi-233 kunye ne-R1 bhiliyoni ukuncedisa ukuphuculwa kweendawo ekugcinwa kuzo oololiwe kunye nokulungisa ubuxhaka-xhaka bezokhuseleko.

Ukuphuculwa kwenkonzo zikaloliwe kujongiswe kukhuseleko, nokwenza uhambo ngololiwe lubentofo-ntofo kubakhweli abalinganiselwa ku 2.4 yesigidi. Ngaphezulu koku, uRhulumente uzakuqhubeka nokuphucula iinkonzo zebhasi ezikhawulezayo olwaziwa ngeBRT (Bus Rapid Transport).

Izibhedlele zizakuphuculwa ukuqinisekisa ukuba uluntu lufumana iinkonzo zempilo ezikwinqanaba eliphezulu ukuze zifikeleleke.

Ezi zigaba zokuphuculwa kwezempilo zitshayelela inkqubo yezempilo kazwelonke ecetywa nguRhulumente, ebizwa i-National Health Insurance (NHI). URhulumente ubekele bucala imali engange-R450 miliyoni ukuphucula izikolo ezingamashumi amathathu (30) zabongi (kazi). Futhi kongezelelwe iR426 miliyoni ukukhawulelana nokwakhiwa ngokutsha nokuphucula izibhedlele i-Chris Hani Baragwanath, King Edward, George Mukhari, Limpopo Academic ne Nelson Mandela Academic.

URhulumente uzibophelele ekuphuculeni impilo yoluntu ngokubonelela ngezindlu kwabo bafumana imivuzo ephantsi. Kodwa ukwanda kwamatyotyombe ezidolophini kubonakalisa ingumngeni ajongene nawo uRhulumente kubonelelo lwezindlu.

Naxa kunjalo, uRhulumente wenza konke okusemandleni ukukhawulezisa ulwakhiwo lwezindlu. Utyalo mali olujongene nokwakhiwa kwezindlu nezinye izibonelelo kuleminyaka mithathu izayo ifikelela kwi-R8.7 bhiliyoni. Ize icalu-calulwe ngolu hlobo:


- iR1.8 bhiliyoni yinkxaso-mali yezibonelelo ezingundoqo zamanzi kumasipala; ize
- iR3.9 bhiliyoni yenkxaso mali yokuphuhlisa indawo zokuhlala ezinamatyotyombe kumaphondo.

Konke oku kukhankanywe ngasentla apha kubonisa ukuzimisela kukaRhulumente weli ukwenza ngcono indlela yokuphila nokuhlala eMzantsi Afrika.



Final People's Guide 2012 - Xhosa_v1.indd 1 18/02/2012 13:56

# YIMALINI KE EZAKUSETYENZISWA?




# UKUPHUCULWA KWEZINGA LWEMPILO YABEMI BOMZANTSI AFRIKA

**URhulumente kule minyaka izayo uzimisele ukukhulisa uqoqosho ukuze abemi boMzantsi Afrika babe namathuba okufumana imisebenzi.**

Nangona indlela isekude ekufuneka uRhulumente eyihambile ukufezekisa leminqweno, ukunciphisa izinga lentlupheko ngundoqo. Inkqubo yokubonelela uluntu ngezentlalontle yeyona ndlela esetyenziswa nguRhulumente ukulwa nendlala. Kunyaka ka 2012/13 uRhulumente ubekele bucala isixa esingange R104.9 bhiliyoni ukuncedisana nezentlalontle. Le mali iza kunyuswa iyokutsho kwi-R122 bhiliyoni ngomnyaka ka 2014/15. Inani labemi abafumana indodla lizakusuka ku 15.3 miliyoni kulonyaka uphelayo linyuke liyo kutsho ku-15.6 miliyoni kunyaka ka 2013/14, ukanti ngomnyaka ka 2014/15 elinani lizakufikelela ku-16.8 miliyoni.

Isebe lezentlalontle lizakongezwa nge R1.4 bhiliyoni kule minyaka mithathu izayo, ukuze kunyuswe inani labantwana abakwinkulisa (early childhood development) lisuke ku 500 000 liye ku 580 000. Le mali izakuphinda incedise ekusungulweni kwe Sibindi project, ejongiswe kukhuseleko lwabantwana ekuhlaleni. Abantwana abayi 858 000 bazakuncediswa yile nkqubo, futhi ijongiswe ezilalini, kwinkedama namakhaya anentloko zekhaya ezingabantwana (child headed households). Ngabantu abatsha abayi-10 000 abazakufumana izithuba zemisebenzi kuleNkqubo iSibindi.

Isebe lezeMpilo lizakongezwa ngemali engange R2.8 bhiliyoni kule minyaka mithathu izayo. Ize isetyenziswe ngoluhlobo:

- iR1 bhiliyoni iya kwinkqubo kazwelonke yezempilo (NHI) ezakusungulwa kulonyaka ka 2012/13. Esisibonelelo mali sizakuthi sincedise kuvavanyo lwendlela ezintsha zokuphilisa kwizibhedlele zezithili nakwizi bhedlele ezikhulu;
- iR450 miliyoni ibekelwe bucala ukuphuhlisa amaziko emfundo abongi(kazi); ize
- iR426 miliyoni yona ibekelwe ukuphuhliswa kwezibonelelo ezilulutho kwizibhedlele.

iR968 miliyoni ibekelwe ipilisi zokunyanga ugawulayo kwabo banesibalo seCD4 esukela ku350 nangaphantsi. Le nqubo izakwenyusa inani labantu abafumana ezipilisi lisuke ku 1.5 miliyoni liye kutsho ku-3 miliyoni ngomnyaka ka 2014/15.

# IMFUNDO IBALULEKILE EKUNCIPHISENI INTLUPHEKO NENTSWELO-NGQESHO

**Uhlahlo lwabiwo-mali luka-2012 luxhasa iinjongo zikaRhulumente zokuphucula izinga lemfundo kuwo onke amabanga ukodlula zonke ezinye izinto zakhe.**

Oku kuza kufezekiswa ngoluhlobo:

- Iziko elixhasa ngezimali kubafundi iNational Financial Aid Scheme (NSFAS) labelwe iR17.1 bhiliyoni ukubonelela abantwana abadinga imali yokuqhubela phambili kumaziko aphakamileyo emfundo;
- I-R850 miliyoni yeyokuphucula iidyunivesithi, ingakumbi indawo zokuhlala zabafundi.

URhulumente uceba ukunyusa inani labo babhalisela ukufunda edyunivesithi ukusuka ku 886 000 ngo 2011/12 liyo kutsho ku 962 000 ngo 2014/15. Inani labo babhalisela ukufunda kwiikholeji zezakhono lilindeleke ukuba linyuke ukusuka ku 211 000 ngo 2011/12 liye kufika ku 300 000 ngo 2014/15.

Isebe lemfundo yamabanga aphantsi kuzwelonke lufumene isabelo se-R235 miliyoni ukuphucula izibalo nezinga lokukwazi ukufunda. Le mali izakunceda ukwandisa inkqubo yokuvavanywa kwezinga lokukwazi ukufunda ku-grade 9 iphinde futhi incedise ekuqiniseni uvavanyo luka-grade 3-6. Ukusukela ku-2012, bonke abafundi bakagrade 1-9 nabafundisi nts apho nabo bazakufumana iincwadi zokufundisa nokusebenza (educational workbooks) nezibalo.

Nangona uRhulumente eyidlala indima yakhe ukukhuthaza imfundo, lo ngumngeni woluntu lonke ukusukela kubazali, ootishala, abafundi noosomashishini.

# AMAGQABANTSHINTSHI OLWABIWO MALI 2012

## OLONA TSHINTSHO LUPHAMBILI KOLU LWABIWO MALI, KUQUKA IMINYAKA EMITHATHU:

## 1 ULWABIWO MALI LEMINYAKA EMITHATHU EZAYO

- iR9.5 bhiliyoni yeye nkqubo yokuququzelela ukuhluma nokuxhasa uqoqosho (Economic Competitiveness Package);
- iR6.2 bhiliyoni ibekelwe ukudala amathuba yemisebenzi;
- iR3 bhiliyoni yokuxhasa imfundo nokunceda ezozikolo ezingakwazi ukubhatala kwakunye nokuvula kwe Grade R;
- iR1 bhiliyoni yeyokusungula iNkqubo kazwelonke yezempilo (NHI);
- iR1.4 bhiliyoni ukuxhasa iiNkulisa (Early Childhood Development);
- iR4 bhiliyoni iya kwi Passenger Rail Agency yasemzantsi Afrika (PRASA) ukuze ikwazi ekuthenga amakhareji amatsha oololiwe;
- iR1 bhiliyoni yeyobuxhaka xhaka obuhambisana nale nqubo yokuphucula oololiwe, nezitishi kuzwelonke;
- iR4.7 bhiliyoni iyaku ESKOM ukuze afekele izigubhu ezisebenzisa zokufudumeza amanzi ngelanga kuzwelonke;
- iR1.8 bhiliyoni yinkxaso-mali yezibonelelo ezingundoqo zamanzi kumasipala; ize
- iR3.9 bhiliyoni yenkxaso mali yokuphuhlisa indawo zokuhlala ezinamatyotyombe kumaphondo.

## 2 IZICWANGCISO ZERHAFU EZICETYWAYO

- Abasebenzi bazakufumana umnyinyiva ongange R9.5 bhiliyoni kwirhafu;
- Irhafu ebuyiselwayo kwiintlawulo yezonyango inyusiwe;
- Amashishini amancinci afumana umnyinyiva kwirhafu;
- Inzala kwirhafu ebanjwayo (withholding tax) izakuqala ku 15 kwinxenye ekhulwini (percent);
- Irhafu yenzala kwisamba-mali (Capital gains tax) inyusiwe;
- Ingxowa yecuba inyuka nge 58 yamasenti
- i750ml ibhotile yezikrakrayo inyuke nge R6
- i340ml itoti yebhiya inyuke nge 9.23 yamasenti,
- i340ml itoti yecider inyuke nge 8.84 yamasenti
- Ibhotile yomdiliya inyuke nge 18 yamasenti
- Irhafu kwixabiso lombane inyuka nge 1c/KWh; ize
- Irhafu kwipetroli nedizili inyuka ngesenti eziyi 20 kwilitha nganye, kanti iisenti ezisibhozo (8) ziya kwiRoad Accident Fund.

## 3 INKAM-NKAM

| | 2011/12 | 2012/13 |
|---|---|---|
| Eyabantu abadala | 1 140 | 1 200 |
| Indodla yaba neminyaka engaphezulu ku 75 | 1 160 | 1 220 |
| Eyamagorha emfazwe | 1 160 | 1 220 |
| Eyabakhubazekileyo | 1 140 | 1 200 |
| Eyabakhulisa abantwana abangengabo ababo | 740 | 770 |
| Eyabagcina iimbhedlenge | 1 140 | 1 200 |
| Eyabantwana* | 265 | 280 |

*R265 ngokudibeneyo ngomnyaka ka 2011/12

INGABA LIBELULUTHO NA ELIPHEPHANDABA?

SMS Ewe okanye Hayi ku 44112

iSMS nganye ibiza i50c